

Ixesha loviwo luhlelisiwe kangangeveki enye - Uhlaziyo oluvela kwiRejistra

Imibuliso kubafundi nakubalingane

Njengoko besinxibelelene nani ngoLwesihlanu umhla wama- 20 kuMeyi 2022, iBhunga loLawulo lobuNgqonyela nothetha-thethwano ngokusondelelene nabafundi kunye nobunkokheli befakhalthi, bugqibe ekubeni kuhlelisiwe uviwo lwesimesta yokuqala ngeveki enye. Eli nyathelo lingaqhelekanga lithathwe ngenxa yempembelelo yeziganeko ezenzakalisayo zeveki edlulileyo kwisimo sengqondo neemvakelelo kwimpilo yabafundi bethu. Ubunkokheli base-SU bugqibe ekubeni oku kuya kuba semdleni wabafundi bethu kwaye kuya kubanika ithuba lokungena kwiimviwo besemoyeni opholileyo. Nceda ucofe **apha** ukuze ufumane unxibelelwano lwangoLwesihlanu.

Olu nxibelelwano lunika inkcazelo ecacileyo kwishedyuli nemihla yovavanyo oluhlaziweyo kunye nethuba lovavanyo lukaMeyi/Juni.

Imihla jikelele eHlaziyiweyo

- UMeyi/Juni luviwo (lethuba lokuqala): ngomhla wama-30 kuMeyi ukuya kowama-20 kuJuni
- UMeyi/Juni luviwo (lethuba lesibini): ngomhla wama-21 kuJuni- ukuya kowe-2 kuJulayi
- Ukuphela kukaMeyi/Juni lithuba lovavanyo: ngowe-2 ku-Julayi
- Ixesha leKhefu: ngumhla we-3 ukuya kowe-17 kuJulayi
- Ukuqala kwesimesta yesibini: ngumhla we-18 kuJulayi
- Usuku lokuGqibela loku-aphlowuda iziphumo: ngumhla wama-22 kuJulayi
- Usuku lokuGqibela lokubhalisela isimesta yesibini, ukulungiswa kweenkqubo neemodyuli: ngumhla wama-29 kuJulayi.

Abafundi banakho ukufumana ithayimtheyibhile yabo ehlaziweyo **kwi-Pothal yabafundi**. Ithayimtheyibhile yeemviwo ezihlaziyiweyo zika- Meyi/Juni ngowama-2022 ikwafumaneka kwal**apha**.

Siyacela kakuhle ukuba abafundi ababhala uvavanyo oluqhubekayo neemvavanyo zaphakathi enyakeni zeemodyuli zonyaka, bancede baqhagamshelane namasebe abo ukuze bafumane ulwazi oluhlaziyiweyo.

Ngaphezulu kwe-100 labafundi bethu kubandakanya ne-primz, nosihlalo woluntu kunye ne-SRC ngokunjalo nobunkokheli beefakhalthi bebe manyene kwisicelo sabo solu hleliso. Sinovakalelo malunga nefuthe leziganeko zakutsha nje kuluntu lwethu luphela, ngako oko esi sigqibo besifanelekile ukuze sinike abafundi bethu ithuba elilelona lingcono lempumelelo kwiimviwo neemvavanyo zabo. Nangona siqonda ukuba esi isigqibo sibangela uphazamiseko, uhleliso kufuneka lubonwe njengenkxaso kwimpilo-ntle yequmrhu labafundi bethu neYunivesithi ngokubanzi.

Sibanqwenelela bonke abafundi bethu okuhle kumalungiselelo abo okugqibela

Imibuliso emihle

Gqr. Ronel Retief
iRejistra